

Ukunyanyiseka KuThixo



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Luka 16:10, Lev. 27:30, Gen. 22:1–12, Heb. 12:2, Luka 11:42, Heb. 7:2–10, Nehemiya 13.

Indima Yenkumbulo:

“Ke leyo isemhlabeni omhle, ngabo bona bathi ngentliziyo entle, elungileyo bakuliva ilizwi, bayibambe, bavelise iziqhamo benomonde” (Luka 8:15).

Yintoni intliziyo enyanisekileyo, yaye ibonakala njani? Inkcubeko yelo xesha ikubona ukunyanyiseka njengento engaphathekiyo exhomekekileyo; abantu abaninzi maxa wambi abanyaniseki kodwa bakuthabatha ukuba kwamkelekile xa ukuphazamisa kungeko kukhulu. Kanti ke, nakwiimeko ezizodwa, kuthiwa, kuyamkeleka ukunganyaniseki okuthile. Inyaniso nokunyanyiseka kusoloko kuhamba kunye. Kanti ke, sasingazalwanga sinokukelelela ekunyanyisekeni. Ukunyanyiseka kokuhle okulungileyo okufundwayo kwaye kungumongo wesimilo sokuziphatha okulungileyo kwegosa.

Xa sinyanisekile, kubakho izinto ezilungileyo. Umzekelo, akusokuze kubekho ingxaki yokufunyanwa ebuxokini ekuza kufuneka ukuba ubugqume. Ngenxa yesi sizathu, nangaphezulu, ukunyanyiseka kuluphawu oluxabisekileyo lobuntu, ngakumbi ngaphantsi kweemeko ezinzima xa isilingo, ngokulula sibhekise kuko ukunganyaniseki. Kwisifundo sale veki, siza kufunda ngembono yasemoyeni yokunyanyiseka ngokubuyisa isishumi size sibone ukuba kutheni ukubuyisa isishumi kubaluleke kakhulu nje kwigosa nobugosa.

**Funda isifundo sale veki okulungiselela iSabatha kaFebruwari 17.*

Umcimbi Nje Wokuthembeka Olula

Into enye esingayifuniyo sonke yeyokuba, asikuthandi ukunganyaniseki. Asikuthandi ngokukodwa xa sikubona kubonakalaliswa kwabanye. Akulula, phofu, ukukubona kuthi, kude kuthi naxa sikubona, sibe nomkhwa wokuzibetha ngoyaba izenzo zethu, sizithethelele, senze ngathi azibalulekanga. Owu, ayikho mbi kangako; yinto nje encinane, ayibalulekanga kangako. Singade sizenze izidenge thina, amaxesha amaninzi; kodwa asisokuze simenze isidenge uThixo. “Ukunganyaniseki kufumaneka kuwo onke amanqwanqwa omsebenzi wethu, kwaye yiyo le nto kukho ubudididiki kwabaninzi abathi bayayikholelwa inyaniso. Abaxhumananga noKristu kwaye bakhohlisa eyabo imiphefumlo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 4, p. 310.

Funda: Luka 16:10. Uthini umthetho-siseko obalulekileyo awuthethayo apha uYesu onokusinceda ukuba sibone indlela ekubaluleke ngayo ukuthembeka, “nakwizinto ezincinane”?

UThixo, phofu, uyazi kakuhle ukuba kulula kangakanani ukuba singathembeki, ngakumbi xa kufika kwizinto esinazo. Kungoko, asinike ichiza elinamandla lokulwa ukunganyaniseki nokubawa, xa kufika kwizinto esinazo.

Funda: Levitikus 27:30 noMalaki 3:8. Zisifundisa ntoni ezi ndima, kwaye kungasigcina njani sithembekile oko zithetha ngako?

“Akukho sibheni senziwayo ukuba kubekho umbulelo okanye ububele. Lowo ngumcimbi nje wokuthembeka okulula. Isishumi sesikaYehova; kwaye uthi masibuyisele kuYe oko kukokwaKhe. . . . Ukuba ukuthembeka kungumthetho-siseko ofunekayo kubomi boshishino, asimele ukukuqonda okunyanzelekileyo kuthi ngakuThixo—ukunyanzeleka okusisiseko sayo yonke enye into?”—Ellen G. White, *Education*, pp. 138, 139.

Kungakwenza njani ukuhlawula isishumi ukuba ukhumbule ukuba ngubani, ekugqibeleni, umnini wako konke onako? Kubaluleke ngantoni ukuba singaze silibale ukuba ngubani kakade umnini wako konke esinako?

Ubomi Bokholo

Funda: Genesis 22:1–12. Lisixelela ntoni eli bali ngobunyaniso bokholo luka-Abraham?

Ubomi bokholo abusiso isiganeko sexesha nje elinye. Asilubonakalalisi ukhohlo ngendlela enamandla kube kanye, sibe ngoko sibonisa ukuba, ngokwenene, singamaKristu anyanisekileyo athembekileyo aphila ngobabalo nagqunywe ngegazi likaKristu. Umzekelo, ilizwe lenkolo, emva kwamawaka eminyaka, lisothukile sisenzo sokholo esabonakalaliswa nguAbraham ngoIsake kwiNtaba iMoriya (Genesis 22). Kanti ke, esi senzo sokholo sasingeyonto uAbraham awayicinga njengokuthanda. Ubomi bakhe bokuthembeka nokuthobela kwangaphambili bubo obamenza wakwazi ukwenza oko wakwenzayo. Ukuba wayemana ukungathembeki ngaphambi kwesi siganeko, ngewayengazange akuphumelele ukuvavanywa njengoko wenza. Akukho kuthandabuza, ukuba umntu onokholo olunje ngoluya, ngokuqinisekileyo waluphila nasemva kwesiganeko eso. Eyona nto ithi, ukhohlo lwegosa nalo asinto eyenzeka ixesha elinye. Ngokuhamba kwexesha, luya lusiba nzulu ukomelela okanye lungatshoni lusuke lube buthakathaka, kuxhomekeka kwindlela athi lowo uthi unalo alusebenzisa ngayo.

Funda: Hebhre 12:2. Kusixelela ntoni oku ngeliso lokholo lwethu nendlela esinokuba nalo ngayo?

Eyona ndawo ekuphela kwayo esisiphephelo sethu njengamagosa athembekileyo kukukhangela “kuyo iMbangi noMgqibelelisi wokholo lwethu, uYesu, owathi, ngenxa yovuyo olwalubekwe phambi kwaKhe, wawunyamezela umnqamlezo, elidelile ihlazo, waza wahlala phantsi ngasekunene kwetrone kaThixo (Heb. 12:2). Igama “uMgqibelelisi” lisetyenziswe kuphela kule ndawo kwiTestamene eNtsha, kanti linokuguqulwa ngokuthi “uMfezekisi.” Lithetha ukuba uYesu ujonge ukuluzisa ukhohlo lwethu ekuvuthweni nasekupheleleni kokholo (Heb. 6:1, 2). Ngoko ke, ukhohlo, ubomi bokholo, bungamava akhulayo: luyakhula, luyavuthwa, luyanda.

Zeziphi iindlela olubone ukhohlo lwakho lukhula luvuthwa ekuhambeni kwexesha? Okanye lukwenzile oko?

Intetho Yokholo

Njengoko sibonile izolo, ukholo luyinkqubo, amava akhulayo, ngokwendlela eyiyo, luyakhula luvuthwe. Enye indlela, uThixo alu“gibelelisa” ngayo ukholo lwethu, alwenze luphelele kungesenzo sokubuyisa isishumi. Xa kuqondwa kakuhle, ukubuyisela isishumi kuThixo, asikuko ukuba ngqongqo emthethweni; ukubuyisela isishumi asisebenzi okanye asifuni ukuvuzwa ngokusiwa ezulwini. Endaweni yoko, ukukhupha isishumi yintetho yokholo. Kukubonakalalisa kwangaphandle, okubonakalayo komntu ubunyaniso bokholo lwethu. Ngapha koko, nabani na unako ukuthi unalo ukholo nokuba uyakholwa kuThixo, aze athi uyakholwa kuYesu. Njengoko sisazi, “Needemon ziyakholwa” kuThixo (Yakobi 2:19). Kona ukuthabatha i-10 leepesenti yengeniso yakho uyibuyisele kuThixo? Eso sisenzo sokholo.

Funda: Luka 11:42. Kuthetha ukuthini xa uYesu enika into ethi ukubuyisa isishumi akufuneki kuyekwe kungenziwanga? Sidibana ngantoni isishumi nemicimbi enzima kakhulu yomthetho?

Ukubuyisa isishumi kukubonakalalisa okuncinane kokuxhomekeka kuThixo nesenzo sokuthembela kuKristu njengoMhlanguli wethu. Kukuqonda ukuba sele sisikelelwe “ngeentsikelelo zonke . . . sikuKristu” (Efese 1:3) nesithembiso sokungaphezulu.

Funda: Genesis 28:14–22. Yathini impendulo kaYakobi kwisithembiso sikaThixo?

“Icebo likaThixo kuhlelo lokubuyiswa kwesishumi lihle ngobulula nokulingana. Bonke bangalibamba ngokholo nesibindi, kuba liphuma ezulwini. Kulo kuhlanguaniswa ubulula nokusebenzeka, kwaye alifuni bunzulu bamfundo ukuze liqondwe lenziwe. Bonke bangaziva benokuba nenxaxheba ekuhambiseleni phambili umsebenzi oxabisekileyo wosindiso. Yonke indoda, umfazi, umntu omtsha, unako ukuba ligosa lendyebo yeNkosi, abe ngumthunywa wokuhlangabezana neemfuno zendyebo.”—Ellen G. White, *Counsels on Stewardship*, p. 73.

Zeziphi iindlela ozifumanele ngokwakho iintsikelelo zenene zasemoyeni eziza ngokubuyisela okweshumi? Kuncede njani ukubuyisa isishumi ukukhulisa ukholo lwakho?

Isishumi Esithembekileyo: Singcwele KuYehova

Sithanda ukusoloko sithetha ngokunikela isishumi kuThixo. Sikunikela njani kuThixo oko sele kukokwaKhe?

Funda: Levitikus 27:30. Zithini iingongoma ezimbini ezibalulekileyo esizifumana kule ndima ngesishumi?

“Isishumi sesikaYehova, ngoko ke singcwele. Asibi ngcwele ngokubhambathiswa okanye ngesenzo sokungcwaliswa. Singcwele qha ngendalo yaso; sesikaYehova. Akukho unelungelo kuso ngaphandle kukaThixo. Akukho mntu unokusingcwalisela uYehova, kuba isishumi asizange sayinxalenye yezinto zomntu.”—Ángel Manuel Rodríguez, Stewardship Roots (Silver Spring, Md.: Stewardship Ministries Department, 1994), p. 52. Asisenzi ngcwele isishumi; nguThixo owenza oko ngokwesikhundla saKhe. Njengamagosa, sibuyisela kuYe okukokwaKhe. Isishumi sinikelwa kuThixo ukwenza umsebenzi owodwa. Ukusibambela omnye umsebenzi, kukungathembeki. Isenzo sokubuyisa isishumi esingcwele akufuneki uze uyekwe.

Funda: Hebhere 7:2–10. Intetho kaPawulos ngoAbraham enikela isishumi kuMelkitsedeke kuyityhila njani intsingiselo enzulu yokubuyiswa kwesishumi?

Ngoko, njengokuba iSabatha ingcwele, sinjalo nesishumi ukuba ngcwele. Igama “ngcwele” lithetha “ukubekelwa bucala ukusetyenziselwa umsebenzi ongwele.” ISabatha nesishumi zihlangene ngale ndlela. Sibeka bucala iSabatha yomhla wesixhenxe njengengcwalisiweyo, njengengcwele; sibeka bucala isishumi njengesikaThixo esingcwalisiweyo, nento engcwele. “UThixo wawungcwalisa umhla wesixhenxe. Loo ndawo ikhethekileyo exesheni, ebekelwe bucala nguThixo ngokwaKhe unqulo olungcwele, iqhubeka ingcwele namhla njengoko yangcwaliswayo ekuqaleni nguMdali wethu. “Kwangokunjalo, isishumi sengeniselo yethu ‘singcwele kuYehova.’ ITestamente eNtsha ayiwuguquli umthetho wesishumi, njengoko ingenzi njalo nakoweSabatha; kuba ukuma kwayo yomibini ithatyathwa ngokuba kunjalo, kwaye ukubaluleka kwentsingiselo yayo ngokwasemoyeni kuchaziwe. . . . Njengokuba thina njengabantu sifuna ukuthembeka ekunikeleni kuThixo ixesha azibekela Iona, besingeke sinikele kuYe inxenye yezinto esinazo athi zezaKhe?”—Ellen G. White, *Counsels on Stewardship*, p. 66.

Yintoni onokuyenza ukuceda ukuba kuhlale kukho entliziyweni nasengqondweni yakho into ethi, isishumi sakho, ngokwenene “singcwele”?

Imvuselelo, Uhlaziyo, Nokuzisa Isishumi

Ulawulo lukaHezekiya lwexesha elide lubonwa njengencopho kwisizwe sakwaYuda. Emva kolawulo lukaDavide noSolomon, uSirayeli akazange wonwabela intsikelelo kaThixo engako ukuba ninzi. Kwi-2 IziKronike 29—31 kukho ingxelo kaHezekiya yemvuselelo nohlaziyo: “Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova” (2 IziKron. 29:2). “Yaqiniselwa ke inkonzo yendlu kaYehova” (2 IziKron. 29:35). IPasika yagcinwa (2 IziKron. 30:5). “Kwabakho uvuyo olukhulu ke eYerusalem” (2 IziKro. 30:26). Imifanekiso eqingqiweyo yabahedeni, izibingelelo, neendawo ezphakamileyo zatshatyalaliswa (2 IziKro. 31:1). Kwabakho imvuselelo nokuhlaziyeke ngokukhawuleza entliziyweni ekwenzeni, okwaba neziphumo zokubuyiswa ngokukhulu kwezishumi neminikelo (2 IziKron. 31:4, 5, 12).

UNehemiya unika omnye umzekelo wemvuselelo, uhlaziyo, nokubuyiswa kwezishumi. Funda: Nehemiya 9:2, 3. Kwakuthetha ntoni ukuvuselelwa kwentliziyo? Funda: Nehemiya 13. Emva kokuba uNehemiya evuselele “indlu kaThixo,” (Neh. 13:4) yintoni abayisizayo abantu bakwaYuda apho (Neh. 13:12)?

“Imvuselelo nohlaziyo zizinto ezimbini ezahlukeneyo. Imvuselelo ibonisa ukwenziwa ngokutsha ubomi basemoyeni, ukuvuselelwa kwamandla engqondo nentliziyo, ukuvuswa ekufeni kwasemoyeni. Uhlaziyo lubonisa ukuqulunqwa ngokutsha, utshintsho lweengcinga neengcamango, imikhwa nezenzo.”—Ellen G. White, *Christian Service*, p. 42.

Ulwalamano phakathi kwemvuselelo, uhlaziyo nokubuyisa isishumi yinto ezenzekelayo. Ngaphandle kokubuyisa isishumi, imvuselelo nohlaziyo ziba dikidiki, ukuba yimvuselelo yona leyo. Amaxesha amaninzi, thina njengamaKristu siyema singenzi nto sibukele lo gama besimele ukuba siyaxakeka ngakwicala leNkosi. Imvuselelo nohlaziyo zifuna ukuzinikela, ukubuyisa isishumi, okuyinxalenye yoko kuzinikela. Ukuba asimniki uThixo oko akufunayo kukokwaKhe, asingeke silindele ukuba asiphendule nathi koko sikucelayo kuYe. Imvuselelo nohlaziyo kwenzeka ebandleni, hayi ngaphandle (Nd. 85:6). Kufuneka sifune imvuselelo (Nd. 80:19) nohlaziyo “[kwi]misebenzi yokuqala” (IziTy. 2:5). Uhlaziyo kufuneka lwenzeke koko sikugcinayo noko sikubuyisela kuThixo.

Ayisiso isenzo esenza umahluko, kodwa sisigqibo sengqondo nemizwa etyhila injongo nokuzinikela. Iziphumo ziya kuba kukwanda kokholo, umbono otsolileyo, nokuthembeka okwenziwe ngokutsha.

Ingcamango Eyongeziweyo: UThixo nguYe owaqala iminqophiso eseBhayibhileni waza wakhokela ekutsaleleni abantu baKhe kule minqophiso (Heb. 8:10). Izithembiso zomnqophiso zibonisa ubabalo, uthando nokulangazelela kwaKhe ukusisindisa. Umnqophiso noThixo ubandakanya izinto ezininzi: uThixo, owamkelayo, iimeko zomnqophiso, ukuzinikela kwiimeko kwawo omabini amaqela, isohlwayo esibekiweyo sokusilela ukuwugcina umnqophiso, neziphumo ezilindelekileyo okanye isiphumo esinqwenelekayo. Imbono yokubuyisa isishumi ikuveza konke oku kuxutyiweyo kuMalaki 3:9, 10. Le ndima iyakuphiinda ukuthetha ngokubuyiswa kwesishumi phakathi kukaThixo namagosa aKhe. Xa singena kumnqophiso onjalo, kungumqondiso obonakalayo wokuba siyayala imithetho-siseko yokuthanda ukuzizuzela izinto zehlabathi, sibe sibonisa okulungileyo okunokuphuma kwintliziyo enesono eguqukileyo. “Umoya oxineneyo wokubawa ubonakala ubathintela abantu ekunikeleni kuThixo oko kukokwaKhe. UYehova wenza umnqophiso owodwa nabantu, owokuba, xa baye bathi rhoqo ukubekela ecaleni inxalenye ebekelwe ukuhambisela phambili ubukumkani bukaKristu, uYehova uya kubasikelela ngokukhulu, kude kungabikho nendawo yokwamkela izipho zaKhe. Ukuba ke abantu baya kubamba oko kukokukaThixo, uYehova ukuxele ngokucacileyo ukuba, ‘Niqalekisiwe ngesiqalekiso.’” —Ellen G. White, *Counsels on Stewardship*, p. 77. UKuphila kulwalamano lomnqophiso noThixo kunemithwalo. Sonwabela izithembiso zomnqophiso, kodwa amaxesha amaninzi singayithandi imiyalelo nemithwalo. Kanti ke, umnqophiso, ngokwalapha, umacala mabini, kwaye ukubuyisa isishumi kuyinxalenye yokuphila kwethu phakathi kulo mnqophiso.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Kutheni le nto ukubuyisa isishumi kusisenzo esibalulekileyo sokholo kweyethu indawo [esiyidlalayo]?
2. Athini amazwi onokumnika wona umntu othi, “Andikwazi ukubuyisa isishumi”? Umnceda njani umntu ozibona ekule meko? Nangaphandle kwamazwi, yintoni enye enokwenziwa ukunceda?
3. Umbuzo wokugqibela wangoLwesithathu ubuza ukuba ungenza ntoni ukunceda ukuzigcina usoloko ukhumbula ukuba isishumi singewe. Zithini ezinye zeempendulo zakho? Le nto yokuba singewe inagalelo lini ekukuqhelaniseni nokusihlawula?